Isalathiso: 20170823-4187
12/1/4
Imibuzo: N Ncede

ISetyhula: 0037/2017
Umhla wokuphelelwa: 31 Matshi 2019

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoQuquzelelo neNgcebiso ngeze-*IMG,* kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kumaSekela Balawuli kwii-ofisi zezithili, nakwiiNtloko zezikolo eziziipri-prayimari nezezikolo ezizimeleyo ze-*ECD* nakwiiNqununu zezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezineeklasi zamaBakala R

Isishwankathelo esifutshane: *Ingcaciso yabo bonke abathathi-nxaxheba engeenkqubo ezichaphazelekayo zokwenza izicelo zenkxaso-mali yophuhliso lwemfundo yabantwana abasaqalayo (early childhood development (ECD)) neminye imiba.*

Isihloko: Iinkxaso-mali zeBakala R neminye imiba enxulumene ne-*ECD* ukususela nge-01 Apreli 2018

1. **Ulwabiwo-mali kwiBakala R**

1.1 **Ukufikelela kwingcaciso**

Iinkcukacha zolwabiwo-mali ngokwemimiselo nemigangatho (*N&S allocation*) yolwabiwo-mali yeBakala R kunyaka-mali oqala ngowe-01 Apreli 2018 ukuya kwi-31 Matshi 2019 ziyafumaneka kwi-*CEMIS* yaye zingafikelelwa ngale ndlela ilandelayo:

- Loga kwi-*CEMIS*.
- Klikha ku-"*Proceed*" uze ukhethe u-"*Administration*" kwi-*menu bar,* uze uklikhe ku-"*Norms and Standards Allocation" uze ukhethe* u-"*N&S 2018*".
- Printa ikhasi elo.

Kucelwa uqwalasele oku kulandelayo:

Ulwabiwo lweemali lwenziwa ngokweMimiselo neMigangatho kaZwelonke i-*National Norms and Standards for Grade R Funding*, efakelwe izilungiso kwi-Gazethi kaRhulumente No. 29179 ye-31 Agasti 2006.

Ileta yesabelo senkxaso-mali ibandakanya iinkcukacha zesabelo esiqikelelweyo sonyaka-mali 2018/19, kwakunye nezabelo zethutyana (*provisional allocations)* zoonyaka-mali ababini abalandelelanayo, o.k.t. u-2019/20 no-2020/21.

Zonke izabelo zabalwa ngokwamanani obhaliso lwabafundi kwi-*CEMIS*.

1.2 **Ukubalwa kwesabelo senkxaso-mali yeBakala R**

Kuvunyiwe ukuhlawulwa kwezi nkxaso-mali zilandelayo zabafundi abakwiiklasi zeBakala R ezivunyiweyo kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nabakumaziko abhalisiweyo ophuhliso lwemfundo yabafundi abasaqalayo nakumaziko azimeleyo ukususela ngowe-01 Apreli 2018:

1.2.1 <u>Izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo (zonke izikolo ezilawulwa ngurhulumente ezifundisa iBakala R):</u>

Inkxaso-mali ngomfundi ngamnye (*Per capita subsidy*):

I-*National Quintile* (NQ)	**Imeko yeefizi yeziko/yesikolo**	**Isixa esihlawulwa ngomfundi ngamnye ngosuku**
NQ1-NQ5	Elingabizi zifizi	R 27
NQ4	Elibiza iifizi	R 20
NQ5	Elibiza iifizi	R 19

Isixa sesabelo-mali sezibonelelo ezixhasa ukufunda nokufundisa (*LTSM)*:
Kwizikolo ezingabizi zifizi, kuhlawulwa isixa esiyi-R2 124 ngenyanga ngeklasi nganye efundiswa ngutitshala/yipraktishina nganye ehlawulwa liSebe leMfundo leNtshona Koloni (i*WCED*).

Esona sixa sesabelo-mali sisezantsi:
Zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezinabafundi abangaphantsi kwabayi-25 zinelungelo lokufumana inkxaso-mali eyeyona isezantsi eyi-R128 412 ngonyaka.

1.2.2 <u>Izikolo eziziipri-prayimari zikarhulumente</u>:

Isikolo ngasinye esiyipri-prayimari karhulumente siya kufumana kuphela isabelo-mali se-*N&S* esiyi-R19 ngomfundi ngamnye ngosuku ngosuku ngalunye.

1.2.3 Amaziko azimeleyo (zonke izikolo ezilawulwa ngamaqumrhu abucala ezifundisa iBakala R):

Inkxaso-mali ngomfundi ngamnye *(Per capita subsidy*):

I-*National Quintile* (NQ)	**Imeko yeefizi yeziko/yesikolo**	**Isixa esihlawulwa ngomfundi ngamnye ngosuku**
NQ1-NQ5	Elingabizi zifizi	R 27
NQ4	Elibiza iifizi	R 20
NQ5	Elibiza iifizi	R 19

Kubalulekile ukuqaphela ukuba:

- Bonke abafundi beBakala R mabafakwe/mababhaliswe kwi-*CEMIS*;
- Umfundi weBakala R ngamnye makabe ukwiklasi yeBakala R; nokuba
- utitshala/ipraktishina yeBakala R mayibe uyinxenye yeklasi nganye yeBakala R.

Kusemva kokuba kwenzekile oku kungentla, apho kunokungeniswa ibango lentlawulo yenkxaso-mali yeBakala R.

2. Amabango enkxaso-mali yeBakala R neentlawulo

2.1 Njengenkqubo eyenzeka okoko, amabango enkxaso-mali yeBakala R makangeniswe zizikolo/ngamaziko ngokuqala kugqithwe kwi-*CEMIS* ngale ndlela ilandelayo:

- Loga kwi-*CEMIS*.
- Klikha ku-"*Proceed*" uze ukhethe u-"*Administration*" kwi-*menu bar* uze uklikhe ku-"*Gr R Subsidy*".
- Khetha u-"*Submit Application*".

Uyacelwa uzalise amacandelo achaphazelekayo afunekayo uze uluprinte uxwebhu lwebango lenkxaso-mali yesikolo ukwenzela injongo yokugcinwa kweerekhodi emva kokuba ibango lingenisiwe. Ibango lenkxaso-mali lesikolo liya kungeniswa ngekhompyutha kwi-ofisi yesithili echaphazelekayo. Akukho manyathelo angamanye aya kufuneka esikolweni.

Uyacelwa ufunde i-*Grade R Subsidy Claim Application System User Manual* ukufumana isikhokelo samanyathelo ngamanyathelo malunga nokungenisa ibango lenkxaso-mali ngokuyimpumelelo.

Ziintsuku eziyi-200 zizonke ngonyaka wokufunda eziya kusetyenziswa ekubaleni inkxaso-mali, yaye i-50% yesabelo iya kuhlawulwa ngethuba lesixa sesavenge sika-Apreli ukuze i-50% eseleyo ihlawulwe ngethuba lesixa sesavenge sika-Oktobha.

2.2 **Amaxesha amisiweyo**

Imihla yenkqubo ka-2018:

Isixa sesavenge sango-Apreli (IKota 2 no-3 zonyaka wesikolo ka-2018)

Umhla	Okuqhubekayo
02 Matshi 2018	Kuvulwa i-*CEMIS* ukwenzela ukungenisa amabango
16 Matshi 2018	Umhla wokugqibela wokungeniswa kwamabango zizikolo/ngamaziko azimeleyo **Kucelwa uqaphele:** Amabango akanakungeniswa ukwenzela ukuba ahlawulwe emva kwalo mhla.
13 Apreli 018	Ii-ofisi zezithili zigqiba iinkqubo zeengcebiso nezokuvunywa kwamabango kwi-*Eduinfosearch* zize zilisayinele ibango ngalinye.
14 Meyi 2018	Umhla wokugqibela wentlawulo yenkxaso-mali kwizikolo/kumaziko

Isixa sesavenge sika-Oktobha (Ikota 4 yonyaka wesikolo ka-2018 neKota 1 yonyaka wesikolo u-2019)

Umhla	Okuqhubekayo
03 Septemba 2018	Kuvulwa i-*CEMIS* ukwenzela ukungenisa amabango
14 Septemba 2018	Umhla wokugqibela wokungeniswa kwamabango zizikolo/ngamaziko azimeleyo **Kucelwa uqaphele:** Amabango akanakungeniswa ukwenzela ukuba ahlawulwe emva kwalo mhla.
12 Oktobha 2018	Ii-ofisi zezithili zigqiba iinkqubo zeengcebiso nezokuvunywa kwamabango kwi-*Eduinfosearch* zize zilisayinele ibango ngalinye.
16 Novemba 2018	Umhla wokugqibela wentlawulo yenkxaso-mali kwizikolo/kumaziko

2.3 **Okuqhubekayo kwibango**

Kunokulandelelwa okuqhubekayo kwi*CEMIS* kwibango ngale ndlela ilandelayo:

- Loga kwi-CEMIS.

- Klikha ku-"Proceed" uze ukhethe u-"*Administration*" kwi-*menu bar* uze uklikhe ku-"*Gr R Subsidy*".
- Khetha u-"*Claim status*".

3. Izikolo ezingabizi zifizi ezifundisa iBakala R

Izikolo ezingabizi zifizi ezifumana inkxaso-mali yeBakala R kuRhulumente azivumelekanga ukuhlawulisa ifizi zesikolo kubafundi beBakala R (makufundwe uxwebhu i-*National Financial Management Guidelines in Respect of Schools Offering Grade R Classes, October 2009*, kwikhasi 4).

Abazali basengacelwa benze igalelo ngokuzithandela *(voluntary contributions*). Ezi ntlawulo azinyanzelekanga yaye akuvumelekile ukuba zisetyenziselwe ukuvalela ngaphandle abafundi abanabazali abangenako ukwenza igalelo elilolu hlobo.

4. Ukusetyenziswa kwesabelo senkxaso-mali yeBakala R

4.1 Umvuzo katitshala/wepraktishina yeBakala R

Kukhunjuzwa izikolo ootitshala/iipraktishina zeBakala R kuzo zonke izikolo, ukuba mazifumane isixa esipheleleyo esiyi-80% esisabelo senkxaso-mali nesihlawulwa ngomatshini kabini ngonyaka.

Amabhunga olawulo ezikolo ze-*NQ*4 no-*NQ*5 makawongeze umvuzo katitshala/wepraktishina yeBakala R ukwenzela ukuba utitshala/ipraktishina ifumane isixa esingaphezulu kwesona sixa somvuzo sisezantsi se-R8 577 ngenyanga.

Ootitshala/iipraktishina zeBakala R kwizikolo ezingabizi zifizi zinelungelo lokufumana isixa esipheleleyo esiyi-80% senkxaso-mali.

4.2 Izibonelelo zokuxhasa ukufunda nokufundisa (*LTSM)*

I-10% yenkxaso-mali yabelwa i-*LTSM* kubandakanywa i-*LTSM* esetyenziswa ngaphakathi nangaphandle eklasini, elungiselelwe abafundi beBakala R.

4.3 Iindleko zokwenza umsebenzi

Enye i-10 % yenkxaso-mali yabelwa ukuhlawula ii-akhawunti zeenkonzo (*utility accounts*) zesikolo ezifana neentlawulo zeefoni, ii-akhawunti zamanzi nezombane, oomatshini bokufotokopa nokuprinta, izinto zokucoca nokulondoloza iiklasi zeBakala R, nazo naziphi ezinye iinkonzo ezifunwa ngootitshala/ziipraktishina zeBakala R.

5. **Iimfuno zokunika ingxelo**

Makulandelwe iimfuno ezimiselweyo zokunika ingxelo eziqhelekileyo njengoko zixeliweyo zii-ofisi zezithili, ukuqalisa ukwenza intlawulo yenkxaso-mali elandelayo.

6. **Lileta zesabelo-mali sokugqibela**

lileta zezabelo zokugqibela (ezisuselwa kumanani obhaliso esaveyi ye-*SNAP* (ngokusekelwe kumanani obhaliso eSaveyi ye*SNAP*) ziya kupapashwa kwi-*CEMIS* ungadlulanga owe-16 Matshi 2018.

7. **Iinombolo zoqhagamshelwano xa unemibuzo**

Kucelwa uqhagamshelane nomlawuli we*CEMIS* wesithili malunga nemibuzo enge-*CEMIS* kunye nomphathi we-*ECD* ochaphazelekayo malunga nemibuzo engenkxaso-mali yeBakala R.

Umbandela	**Igama**	**Inombolo yefoni**
Isabelo seenkxaso-mali zeBakala R Imibuzo ngokubanzi	Nks N Ncede Nks M Munnik Mnu S Ruka	021 467 2071 021 467 2196 021 467 2657
Iintlawulo ezenziwe ngoomatshini eziya ezikolweni neminye imibuzo emalunga nenkxaso-mali yeBakala R *(Ulwabiwo lwe-N&S)*	Qhagamshelana noMphathi we-*ECD* ochaphazelekayo kwisithili.	
Imibuzo emalunga ne*CEMIS*	Qhagamshelana nomlawuli we*CEMIS* ochaphazelekayo kwisithili.	

ISAYINWE: NGU-BK SCHREUDER
INTLOKO: YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2017-09-30